

# UFudo iqhawe

Ntombifuthi Ncwayiba


Khanyisa Masemola





Kudaladala, izilwani zaphelwa ngamanzi.


Zazula zidwaduba zifuna iziziba ezingathola amanzi okuphuza kuzo. Zaadwanguza zancama.



Zaabiza imbizo kwathiwa zize zoonke izilwani, kuzoxelwa uba kudalwe lisu ukuze kubekhona amanzi okuphuza.


Zeza zoonke izilwani ngele koDyakalatshi owathi, "Unongeke ndiye kwakowo mhlangano unamafudo anukayo!"

Yazicunukisa izilwani lento ixelwa nguDyakalatshi.



Kumhlangano, zavuma izilwani kwathiwa makwembiwe umgodi omkhulu.


Inyamazana, yathi, "Umgodi wethu uzoba nzulu futhi abemkhulu. Nawugcwele soze siphinde siphelwe ngamanzi."



Zasina, zicula zihlonda, zaze zaashintshana ngokwemba.


Kwatsitsa amanzi egqabhuka emgodini lapho kade zisina khona, kwagcwala umgodi owo heziwembile.

Zaagcoba kakhulu tana, ngoba amanzi ezetholakala emgodini wazo henencasi engazange yelanywa ndawu.



Ngelinye ilanga, izilwani zaathola uba ikhona into eke yafika emanzini awo yawadunga.


Kwathiwe izilwani zizoshintshana ngokugada umgodi.



Ngegem yokuqala, kwaabekwa uMgwaja uba ugade.  
Kwafika uDyakalatshi ehamba edlala ugqaphu.

“Wenzani na?” uDyakalatshi waabuza.

“Ndigade umgodi wezilwani,” waachaza uMgwaja.




UDyakalatshi waamema uMgwaja uba bazodlala.  
Badlale umabophana, baqhinane ngendophu.

Umabophana, baqhinane ngendophu le qede babale  
kaliwaka becimele, babe sebeqhaqhana indophu.

Waavuma uMgwaja.





Kwaqala uMgwaja waqhina uDyakalatshi ngendophu wabala kaliwaka, wamqhaqha.

Kwayigem yoMgwaja ukubotshwa. Esowubopha uMgwaja, uDyakalatshi wawutshiya lapho ubala wayophuza amanzi emgodini qede wangena phakathi wagqubha.


Wakha amanye amanzi wawathwala wagoduka.



UMgwaja waabala wabala wafika kwiwaka wabheka emanzini ezilwani.

UDyakalatshi wabe engalozakali.

UMgwaja wagxwala kweza izilwani zamkhwitshilila.




Zaalinga zonke nezinye izilwani zehluleka ukumgola uDyakalatshi.

Ngelikade, kwaavela uFudo lwathi, “Ndiza kugada.”

Bawalela ekuqaleni izilwani, kuba uFudo wayengesosilwani sibhadlileyo.


UFudo wafika wangena emanzini phakathi walindela uDyakalatshi.



Mefika uDyakalatshi wathi, “Ho namhlanje habazisanga mntu!”

Uthe neqala ephuza, weva into ethi ngqii empulweni nemdontsela ngaphantsi emanzini!

Waaba ngadluthuluza uDyakalatshi wamqinitsha uFudo. “Yizani ndimgolile! Yizani ndimgolile!”



Zeva izilwani ilizwi lofudo lumemeza zagijima.  
Bamdontsa uDyakalatshi bamkhipha emanzini.

UFudo wathi kuDyakalatshi, "Wone zonke izilwani,  
ngoko isigwebo ukuba uhlambe iinyawo zazo zonke  
izilwani."

Zamfunqula uFudo zimchasulele phezulu zitshongola  
zisithi uFudo liqhawe lazo.

Zaaphuza amanzi azo izilwani zigcoba zingasenaso  
isithikamezo, namanzi azo ahlala epulutshesekile.



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).



NELSON MANDELA  
INSTITUTE FOR  
EDUCATION AND  
RURAL DEVELOPMENT



World Change Starts with Educated Children®

Your attribution should include the following:

Title: UFudo iqhawe

Author/s: Ntombifuthi Ncwayiba


Illustrator/s: Khanyisa Masemola

Assurer/s: Nobuntu Mazeka

Language: isiMpondo

© Zenex Foundation - Saide 2023

CC BY includes the following elements:

BY  - Credit must be given to the creator

